URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Andile Siyengo**
ICandelo loPhando
Andile.Siyengo@westerncape.gov.za | 021 467 2023

Inombolo yefayili: 12/2/3
Isalathiso: 20220318-837

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhando: 0001/2022

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

**Isihloko: Ukukhutshwa kweziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe i*WCED* zango-2021 kumaBakala 3, 6 no-9**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni belikade liqhuba iimvavanyo zenkqubo yemfundo zaqho ngonyaka ukususela ngo-2010.

2. Ngenxa yobunzima obubangelwe ngubhabhane we-*COVID-19*, iimvavanyo azibanganako ukubhalwa ngo-2020. Ngaphezu koko, ukuhamba isikolo kwanqunyanyiswa ithuba elide yaye bakuba beqalile kwakhona abafundi ukuya eziklasini, izikolo ezininzi zamkela imodeli yokubolekisana kweeklasi (*rotational attendance model*) ukuthobela imiqathango ye-*COVID-19* yokuqelelana kwabafundi.

3. Ifuthe lokuphulukana nokuncitshiswa kwexesha lokufundisa ekufundeni, libangele inkxalabo enkulu kwiSebe iWCED kwakunye neengcali zezemfundo ezininzi ngokunjalo.

4. Ngokususela kwezi meko zintsha, iSebe iWCED liqaphele imfuno yokulinganisela ukuphulukana kwabafundi nexesha lokufunda okubangelwe kukuphulukana nexesha lokufundiswa. Isiphumo soko ibe kukuba iSebe iWCED ligqibe ekubeni lisebenzise iprogram yovavanyo (*testing programme*) yango-2021 njengovavanyo lomgangatho wolwazi nezakhono zabafundi (*a system diagnostic assessment*.)

5. Ngo-Oktobha 2021, kwaqhutywa iiMvavanyo zeNkqubo yezeMfundo yeSebe iWCED kuLwimi nakwiMathematika kumaBakala 3, 6 no-9.

6. Iingxelo zezikolo zango-2021 zinika iinkcukacha zeziphumo zeemvavanyo zomgangatho wolwazi nezakhono zabafundi. Injongo kukugxininisa ekuqaqambiseni iinkalo zekharityhulam abafundi abazifumana zingumngeni.

7. IiNgxelo zeZikolo (*School Reports)* ziyafumaneka kwi-*CEMIS* yaye zinokufunyanwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Khetha i-ayithem yemenyu "*Assessment and Exams*" *uze ukhethe u-"Systemic Test Results 2021"*. Kwi-*drop-down menu*, khetha ibenye kwezi zilandelayo:
    - KwiBakala 3, khetha "*Grade 3 Results 2021*". Kwi-*drop-down, menu*, khetha: "*School Report"*.
    - KwiBakala 6, khetha "*Grade 6 Results 2021*". Kwi-*drop-down menu*, khetha "*School Report"*.
    - KwiBakala 9, khetha "*Grade 9 Results 2021*". Kwi-*drop-down menu*, khetha "*School Report"*.

8. Kumele ukuvela le ngcaciso ikhutshelweyo (*downloaded)* kwiskrini.

- Ukuba ingcaciso ayiveli, yiya kwi-*menu bar* phezulu uze ukhethe u-*"Tools"* emva koko khetha u-"*Pop-up Blocker*", uze ukhethe u-"*Turn-off Pop-up Blocker*" uklikhe.
- Kwakugqitywa oku, khetha libe linye kula mabakala ukujonga iziphumo.

9. Malunga nayo nayiphi imibuzo ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane, kucelwa uqhagamshelane negosa elijongene nesithili sakho njengoko kucacisiweyo kule theyibhile ingezantsi:

| **Umntu ekuqhagamshelwana naye** | **Isithili semfundo** |
|---|---|
| Mnu Meshack Kanzi, inombolo yefoni: 021 467 2350 Meshack.Kanzi@westerncape.gov.za | *Cape Winelands* |
| | *Metro East* |
| | *Overberg* |
| | *Metro North* |
| | *Eden and Central Karoo* |
| Mnu Vumile Nyalashe, inombolo yefoni: 021 467 9350 Vumile.Nyalashe@westerncape.gov.za | *Metro Central* |
| | *Metro South* |
| | *West Coast* |
| | Izikolo ezizimeleyo |

**ISAYINWE:**NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2022-03-18